Nzulu Lwazi: *Umteteli wa Bantu* (17 March 1928), page 7

**Good Friday**

"Kwaza kwabako imfazwe enkulu Ezulwini."

Kubanjwene ngazo! kubanjwene ngazo!
Hlabani umkosi omkulu;
Lifile ilizwe!
Lifile ilizwe!
Pumani magor' akomkulu!

Kubamben' u Mtyoli, ulwa no Kumkani,
U Kumkani u Mikayeli;
U Mtyoli[1] u Satana unyukwe liratshi
Wazenz' u kumkani omkulu!

Sel'eyikupile imikosi yake
Yapum' ifunga ngomnxum' ombi!
Ino Abadoni, ino Belzabube
Epambil' u Apoliyoni.

Pumani magora nix'obe nagqiba!
Nirol' izirweqe zenene;
Lomkos' utsho kuni kumafa nankosi,
Uti valani amazibuko!

Kutiw' u Kumkani selemagazana,
Usel' ezele ngamanxeba;
Zaqengqwa[2] buk'ali nendwaluto zake
Zak'ala, zancwina, zagula;

Izwi la Komkulu selite Pambili!
Akuko kuroxa nakuma;
Lumelwe kukuba lucitwe utshaba,—

---

[1] Myoli
[2] Zagengqwa

Ngegama le Nkosi ka Nkosi;
Amen.

"Lomfihlelo inkulu,"

Le yimfihlelo enkulu
Ityilelwe iziyata:
Le yimfihlelo enkulu
Ityilelwe kwa nentsana;

Oku kwapuka komzimba
We Nkos' u Nyana ka Tixo,—
Nokupalala kwegazi
Kwakungenxa kabanina?

Bambelelani makolwa
Ningaze nib'ekabeke;
Lumpompoz' ap' usindiso
Lway' imipefumlo yenu.

Tandazani ngoko nani
Nina basafihlelweyo;
Ilitamsanq' elikulu
Lelolizwe elizayo.

Tandazani nityilelwe,
Nilubone usindiso;
Nize nimke ninetemba,—
Ukushiya ihlabati,
Amen.

**Amaculo e Good Friday**

"Wapuma Umpefumlo"

Wakwamkela ukufa u Yesu
Lomhla wafa ngawo;
Wayisel' indeb' erara
Lomhla wafa ngawo.

Zakulilel' intokazi
Lomhla wafa ngawo;
Kwabuhlungu kumakolwa,
Lomhla wafa ngawo.

Wati, ningandilileli
Lomhla wafa ngawo;
Zilileleni okokwenu
Lomhla wafa ngawo.

Wabubonis' ubugora
Lomhla wafa ngawo;
Umhlaba wangcangcazela
Lomhla wafa ngawo.

Kwavuka nabafileyo
Lomhla wafa ngawo;
Kwadaleka izimanga
Lomhla wafa ngawo.

Wayitob'a intloko yake
Lomhla wafa ngawo;
Wawanikel' umpefumlo
Lomhla wafa ngawo.

Wabaxelel' abafundi
Lomhla wafa ngawo;
Wovuka ngowesitatu
Lomhla wafa ngawo.

Siyawudumisa ngoko
Lomhla wafa ngawo;

Ngamana ngawo sapila,—
Lomhla wafa ngawo.
Amen.

"Lesuka elinye i soldati lamhlaba ngomkonto ecaleni; kwa oko kwapuma igazi namanzi." Joh. 19:34.

Namhlanje ngulomhla
Wafa ngaw' u Yesu;
Wagwetyelw' ukufa
Zizipata mandla;
Emsulwa kwisono
Engenacapaza;
Watwal' umnqamlezo
Umti olihlazo.

Namhlanje ngumhla
Wasitandazela;
Watwalela kuye
Ingcikivo yetu;
Nesono somhlaba
Sabalelwa kuye;
Lahlambek' ilizwe
Ngoko kufa kwake.

Namhlanje ngulomhla
Wax'onywa emtini;
Wakuvum' ukufa
'Zekupile tina;
Ezenza idini
Letyala lelizwe;
Wapalaz' igazi
Lasihlawulela.

Namhlanje ngulomhla
Wateta amazwi:
Amazw' abuhlungu

Ahlab' emxelweni:
Wati, "Ndinxaniwe"
Wati, "Kugqityiwe."
Walila esiti,—
"Ndishiywe nganina?"

Uko na namhlanje
Pakati kwet' apa,—
Ongab' akakolwa
Ku Lowo wafayo?
Ongazihlambiyo
Ngegazi le Mvana,—
Elihlambulula Kuso sonk' isono?
Amen.